Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

APRILI 2024

Bulletin

#overstrand4all | Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni | #C4ourself

P.O. Box 20, Hermanus 7200

Telephone
Hermanus 028 313 8000
Gansbaai 028 384 8300
Kleinmond 028 271 8400
Stanford 028 341 8500

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

UKWANDISWA KOKUNIKEZELWA KWAMANZI ATSALWA PHANTSI KOMHLABA KWIHERMANUS

UKUBHOLWA KOKUHLOLA KUVELISE IZIPHUMO EZITHEMBISAYO

Phantsi kwephepha-mvume elivunyiweyo lokusetyenziswa kwamanzi lokuhlola kwamanzi angaphantsi komhlaba kwiHemel-en-Aarde Valley, uMasipala wase-Overstrand wanikwa isigunyaziso sendalo sokuqhuba ukubholwa okwangezelelweyo kokuhlola kwimimandla yequla.

Injongo apha kukunciphisa ukuxhomekeka kwiDama iDe Bos njengomthombo ongundoqo obonelela ngamanzi amaninzi kuBukhulu beHermanus ngokuvumela uninzi lusebenzise amaphepha-mvume asele makelwe okusetyenziswa kwamanzi asele enikezelwe.

Ekubeni kunikezelwe isigunyaziso ngoNovemba 2023, izitsala-manzi ezibholiweyo ezibini zagrunjwa: esinye saba bubunzulu obungama-200 m kwimimandla yequla eCamphill ze esinye saa bubunzulu obuli-179 m kummandla wequla eVolmoed.

Imiqondiso yokuqala yeyokokuba ukuvelisa okungaphezulu komndilili kusenokwenzeka kuzo zozibini izitsali-manzi, kunye nesitsali-manzi saseVomoed esivelise kufutshane nje nama-50 ℓ/s.

Qaphela, nangona, olu veliso lunyanzelekile okokuba luhle xa luthe uxinzelelo lwazinza yaye nento yokuba uveliso olugciniweyo lunokumiselwa kuphela xa uhlolo olucalulweyo lokumpompa kwimilinganiso eyahlukeneyo yoqukuqelo, lulandelwa ziimvavanyo ezikhutshwayo zomlimganiselo ozinzileyo, lube luqukunjelwe.

Ukuba ngaba iziphumo zohlolo zingqina okokuba okuthatyathwe kuvela nakusiphi na isitsala-manzi kwezibini kunokwenzeka yaye kunokugcinwa, inkqubo yoyilo iya kuqaliswa.

Inkqubo yokunikezelwa kombane nokuthengwa nokufakelwa kokufana noluhlu lwemibhobho yoqhagamshelwano, iimpompo kunye nesixhobo esincedisayo kulungiselelwa ukusetyenziswa kwezitsala-manzi sinokuqaliswa kuphela xa uyilo sele luvunyiwe yaye isitsala-manzi esitsha sele sibhalisiwe kunye neSebe laManzi noCoceko.

Ngelo xesha sithe safumaneka, lonke uhlaziyo oluphathelelene nalo mba luya kupapashwa kusetyenziswa amaqonga aqhelekileyo onxibelelwano kamasipala.

Njengomba nje womdla, ukuthatyathwa kwamanzi phantsi komhlaba koMasipala wase-Overstrand kubekwa iliso ngokuqhubekayo yaye umqathango wephepha-mvume lawo lokuhlola amanzi aphantsi komhlaba yinto yokuba iingxelo ekufuneka zingeniswe rhoqo kwisithuba seenyanga ezintandathu kubo bonke oogunyaziwe bolawulo, kubandakanywa neKomiti yokuBeka iLiso yaseHermanus.

INGABA UYIFUMANA IBHOTILE YEWAYINI IKONWABISA?

NCEDA SUKUYEKA IIBHOTILE EZINGENANTO

ZIBHEKE ENKUNKUMENI!

Ukuthandwa ngabantu kweewayini zoMzantsi Afrika ngokungathandabuzwayo kunyuka ngokunyuka, yaye indlela esinethamsanqa ngayo yokokuba sibe sihlala kufutshane kuninzi lweesela ezaziwayo kwihlabathi.

Kwiinzame zokuthoba uphawu lwazo lwekhabhoni kunye nenkunkuma, ushishino lwewayini olukhulayo luqhuba ngamandla ukuqinisekisa ngento yokuba iibhotile ezeznziwe ngeglasi zewayini zigcinwa zijikeleziswa kunokuba ziphelele zilahlwa enkunkumeni. Eli linge lixhaswa ngokupheleleyo nguMasipala wase-Overstrand njengoko nathi, ngokunjalo, sinomdla wokugcina uqukuqelo lwenkunkuma ukuya kwiindawo zokulahlwa kwenkunkuma zaseKarwyderskraal naseGansbaai kugcinwa kuphantsi.

UMasipala wase-Overstrand usebenzisa amaziko amabini okuvuselelwa kwakhona kwemathiriyeli yenkunkuma: elinye liseHermanus yaye elinye liseGansbaai.

Omabini amaziko anike ingxelo yokuba iglasi, amaphepha-ndaba, iibhotile zamanzi zeplastiki, iikhathuni zobisi, iibhokisi zepapa kunye nekhadibhodi zibalelwa kuninzi lwezinto eziphelela apho okokuba zihlelwe ze zenziwe amabhali. Abonise ngokunjalo okokuba iinzame zokwahlula iibhotile zewayini kwiibhegi eziqulathe ezinokuguqulwa zibe zizinto ezinokusetyenziswa kwakhona zibe yimpumelelo nrnto yokuba ngokwakaloku nje, kufunyenwe iibhotile ezingaphezulu kwamawaka angamashumi amabini zifunyenwe ngenyanga nganye umndilili.

Iibhotile zewayini ezifunyenweyo zithunyelwa ngokutsha kwiziko lokuhlamba iibhotile apho iqela elizinikeleyo lisusa iileyibhileze lihlole iziphene kwiibhotile. Ukuba ngaba zifumaneka zilungile, iibhotile zewayini ezicocekileyo zibuyiselwa kwimizi-mveliso yewayini kulungiselelwa ukusetyenziswa kwakhona okanye, kwimeko yeebhotile eyonakeleyo, zithunyelwa okokuba zilungiswe ngokutsha zenziwe zibe nokusetyenziswa kwakhona.

Ngokuthambekele kwinto yokuba omabini amaziko achaze into yokuba analo ikhono lokuguqula imithamo emikhulu yeebhotile zewayini ebeziyinkunkuma zibe zizinto ezinokuphinda zisetyenziswe, abo baqhuba amashishini eendawo zokutyisa bayakhuthazwa okokuba balahle imithamo emikhulu yeebhotile zewayini ezingenanto kwiziko lokuvuselelwa kwenkunkuma elikufutshane.

La maziko avuliwe okokuba makele inkunkuma eguqulwa ibe yinto enokuphinda isetyenziswe kuluntu ngokubanzi ngeentsuku zaphakathi evekini ukususela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yeye-17:00 kunye de kube yeyesi-14:00 ngeeholide ezithi zibe ngempela-veki. Enokuguqulwa inakho ngokunjalo ukulahlwa kumaziko ngomGqibelo ukususela ngentsimbi yesi-9:00 de kube yeyesi-16:00.

Abahlali banakho ukulahla iibhotile ezingena nto zabo zewayini ngokuzidibanisa kwingxowa yenkunkuma ecacileyo yenkunkuma elungiselelwe ukuguqulwa kwezinto zasendlwini zibe nokusetyenziswa kwakhona.

Ingxowa nganye ecacileyo yeplastiki ebekwe phandle likhaya ngosuku lokuqokelelwa kwenkunkuma, kuya kunikezelwa entsha endaweni yale indala simahla ngaphandle kwentlawulo. Sicela bonke abathandi bewayini okokuba baxhase iinzame zeshishini ukuthintela iibhotile zeglasi ekubeni ziphelele kwiindawo zokulahlwa kwenkunkuma ngokuzigcina zikumjikelo kangangoko zinakho.

UMASIPALA WASE-OVERSTRAND: OMNYE KWABAHLANU ABAPHEZULU KOOMASIPALA ABASEBENZA KAKUHLE EMZANTSI AFRIKA

Uluhlu lokusebenza lwakutsha nje lweGood Governance Africa (GGA), loMzantsi Afrika 2024, lubonisa okokuba uMasipala wase-Overstrand uhlelwe kwisi-3 womasipala olungileyo kwiphondo leWC olulungiselelwe ubukhulu obuphakathi, okanye koomasipala abakwinqanaba B2.

Uhlelwe ngaphezulu isi-5 ngokulunga kubo bonke oomasipala kwiNtshona Koloni nakwilizwe. Kwicandelo UB2 uMasipala waseSaldanha Bayngowoku-1, ulandelwa yiBreede Valley ze ngoko ibe yi-Overstrand. UMasipala wase-Overstrand (OM) ufumene inqanaba lokuhlelwa elifanayo nelowama-2023.

I-GGA ivavanya bonke oomasipala kunye noomasipala abambaxa ngokuhambelana namacandelo amane.

1. ULawulo nokuPhatha
2. UBunkokheli noLawulo
3. UCwangciso, ukuBekwa kweLiso noVavanyo
4. UkuNikezelwa kweNkonzo

I-OM iya kuyinika ingqwalasela ingxelo kunye nemigqalisela engama-40 esekela uphando ngononophelo ukulungiselela ukuphuculwa kophando lwexa elizayo.

USodolophu weSigqeba wase-Overstrand, uGq. Annelie Rabie, uvakalise uvuyo lwakhe kumsebenzi omhle ze walwamkela uphando njengoko lunceda ekwandiseni ulongamelo lwebhunga yaye luthetha kulawulo olulungileyo nokunikezelwa kwenkonzo nto leyo ibalulekileyo ekuboneleleni ngozinzo kumasipala njengecandelo likarhulumente elisondele kakhulu kubantu.

Amathala eencwadi aseOverstrand aza kube ebhiyozela iVeki yeThala leeNcwadi loMzantsi Afrika ngenyanga kaMatshi ngokubamba imisebenzi eyahlukeneyo kunye nemiboniso yeencwadi.

IIJENERETHA ZOKUKHAWULEZILEYO

LONKE I-11 NGOKULIYASEBENZA

Ijeneraetha kwimisebenzi yonyango lwamanzi eBaardskeerdersbos iyasebenza

Ijeneretha ifakelwe kwisitsala-manzi sokuvelisa amanzi eStanford

Eyokugqibela kwishumi elinanye leejeneretha zokuncedisa ezithengiweyo ukukhusela ingakumbi amanzi oMasipala wase-Overstrand kunye namaziko amanzi amdaka kuthelekiswa nokucinywa kombane okuqhubekayo kuphungulwa umthwalo wosetyenziso ngoku ifakelwe yaye isebenza ngokulungileyo.

Iindleko eziphelelelyo ezenziweyo ukuthengwa, ukufakelwa kunye nekhomishini yazo zolishumi elinanye iinjeneretha zokukhawulezileyo exabisa kufutshane nezigidi ezili-R12, emalunga nesiqingatha ixhaswe ngemali ngengxowa-mali engumncono yoRhulumente weNtshona Koloni kulungiselelwa izehlo ebezingacingwanga ngaphambili nebezingenakho ukuthintelwa.

Umncono wahlawulwa nguMasipala wase-Overstrand ngeengxowa-mali ezivela kuwo. Ukuthintela uphazamiso kukunikezelwa kweenkonzo zesiseko ngenxa yokucinywa kombane, iijeneretha zafakelwa **kuBukhulu beGansbaai** kwimisebenzi yonyango lwamanzi amdaka yaseBaardskeerdersbos, kwimisebenzi yonyango lwamanzi yaseDe Kelders, isikhululo sokumpompa saseDe Kelders Klipgat Spring, imisebenzi yonyango lwamanzi amdaka aseGansbaai, isikhululo sokumpompa amanzi angasetyenzwanga amaninzi eDama iKraaibosch, imisebenzi yonyango lwamanzi ePearly Beach kunye nesitsla-manzi sokuvelisa eStanford; **kuBukhulu beHermanus** kwisikhululo sokumpompa amanzi amdaka eMossel River; kunye **naseKleinmond** kwisikhululo sokumpompa amanzi amdaka kumaBala eNtenetya, imisebenzi yonyango lwamanzi kunye nesikhululo esincedisa ukumpompa amanzi angekasetyenzwa ePalmiet River.

ITHENDA INIKEZELWE YOKUPHUHLISA I-DE MOND RESORT

Ngaphambili ibisetyenziswa njndawo yokupakwa kweekharavani, ithenda yokuphuhliswa kweDe Mond Resort in eVoëlklip inikezelwe kwiPoint Caravan Resort (Pty) Ltd ekuqaleni kuMatshi 2024.

Inyathelo elilandelayo kukuthethana ngengqeshiso nezivumelwano zenqanaba lenkonzo nokuqinisekisa ngento yokuba ezi kuvunyelwene ngokufanelekileyo ngawo onke amaqela achaphazelekayo.

Ngenxa yokuntsonkotha kwesivumelwano sokuqeshisa, akusayi kubanakho ukubonakalisa kweli nqanaba ukuba kanye kanye lingaqukunjelwa nini eli nyathelo.

Xa kuthe kwasayinwa isivumelwano sengqeshiso, umnikezeli ngexabiso othe waphumelela uya kuba nakho ukuqalisa inkqubo yokuphuhliswa kwepropati ngokwemiqathango yesicwangciso sophuhliso njengoko singenisiwe.

Umnikezeli wexabiso uya kunikezelwa isithuba seminyaka emibini ukufumana zonke iimvume nokuqalisa ngophuhliso.

Xa luthe lwafumaneka, lonke uhlaziyo kule meko luya kupapashwa kusetyenziswa amaqonga aqhelekileyo onxibelelwano kamasipala.

I-De Mond Resort, esisahlulo 5237 seSiza 4831, eHermanus, eVoëlklip

I-STONY POINT BOARDWALK IVULIWE KWAKHONA

Emva kolungiso olubanzi, lweboardwalk etyhutyhumeza kwibutho leephengwini eStony Point eBetty's Bay iphinde yavuleleka kuluntu ukususela ngentsimbi yesi-8:00 ukuya kweyesi-16:30 imihla yonke.

I-Stony Point Nature Reserve likhaya kwibutho elilodwa leephenguwini zase-Afrika, yaye iboardwalk inikezela ngethuba lokuphonononga ngokungazinyakathisiyo ezi (ngoku) ezi ntaka zisemngciphekweni njengoko ziqhuba imisebenzi yazo yemihla ngemihla kwindawo yazo yokuhlala. Ilawulwa yaye isetyenziswa yiCapeNature, umhlaba obekiweyo ukwisiza esidala seWaaygat Whaling Station esasisetyenziselwa ukulungisa inyama yomnenga ofuyiweyo ekuqaleni ukuya phakathi kuma-1900. Iintsalela zoomashini nezibonelelo eziqhelekileyo kolu shishino lwayekwa kudala ukusebenza zisabonakala ngokuccileyo kwisiza.

Ngaphandle kweephengwini, iintlobo ezintathu zogwidi - ugwidi olunesithsaba, ugwithi lwaseKapa kunye nogwidi, ugwidi longqameko (olwaziwa ngokunjalo njengogwidi lwaseWahlberg) - zifuywa kumatye angaphandle ommandla ogciniweyo Umrhumo wokungena ongama-R30 kumntu ngamnye omdala kunye nama-R20 kumntwana ngamnye ongaphezulu kobudala obuyiminyaka emithathu uyahlawulwa esangweni lokungena.

ULUVO LUKAMASIPALA NGOKUPHATHELELENE NOKUNXULUNYANISWA KWECLIFF PATH ESE-POOL'S BAY

Okokoko kuthe kwaziwa nguwonke-wonke okokuba iCliff Path Action Group kunye nePoole's Bay Residents' Association zombini zingenise izimangalo zenkundla ngokubhekiselele kulwakhiwo lwecandelo lasePoole's Bay lendlela yeliwa laseHermanus, uSodolophu kunye nenani looceba baxinwa zizicelo zokunika izimvo kule miba.

UMasipala wase-Overstrand uchazwe njengommangalelwa kuwo omabini amatyala athe abe aphambi kwenkundla ngoku.

USodolophu weSigqeba, uGq. Annelie Rabie, unike ingqinisekiso yokokuba ulawulo luya kuqhubeka ukuzinika ingqwalasela iimfuno zoluntu xa ziphethe lo mcimbi.

"Ibalulekile into yokuba ulawulo lugcine indima yalo engakheth'icala ze luvumele umthetho uthathe indawo yawo," utshilo. "Ngezizathu ezaziwayo, asinakho kwesi sithuba ukunxibelelana naye nabani na ngalo mba yaye singathanda okokuba uluntu lubuye umva ekuzameni ukufumana izimvo ezivela kuthi de kube lelo xesha kuthe kwaqukunjelwa ngalo amatyala enkundla."